


Ihlaziwe yaze  
yalungelelaniswa  
neCAPS

# Ibanga loku-

ISBN 978-1-4315-0232-5



LIFESKILLS IN ISIXHOSA  
GRADE 1 – BOOK 1

TERMS 1 & 2

ISBN 978-1-4315-0232-5

THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.


15th Edition

Workbooks available in this series:

- Grade R  
(in all official Languages);
- Literacy/Home Language Grades 1 to 6  
(in all 11 official Languages);
- Mathematics Grades 1 to 3  
(in all 11 official Languages);
- Mathematics Grades 4 to 9  
(in Afrikaans and English);
- Life Skills Grades 1 to 3  
(in all 11 official Languages); and
- Grades 1 to 6 English First Additional Language.

Igama:

Iklasi:



# Izakhono zoBomi ngesiXHOSA

## Inwadi yoku-1 Ikota 1&2



basic education


Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



## Iziqulatho

### Ikota yoku-1 Iphepha

1	Malunga nam.....	2
2	Imibala nokujayiva .....	4
3	Sonke sibalulekile .....	6
4	Sonke sahlukile .....	8
5	Masicengceleze .....	10
6	Ndiyazingca ngesikolo sam.....	12
7	lindawo ezahlukeneyo .....	14
8	Igumbi lokufundela .....	16
9	Indlela esiya ngayo esikolweni .....	18
10	Ndizigcina ndicocekile.....	20
11	Imikhwa elungileyo .....	22
12	Ndicocekile.....	24
13	Imikhwa enempilo.....	26
14	Ukucocka .....	28
15	Imozulu endiyithandayo.....	30
16	Imozulu .....	32



### Ikota yesi-2 Iphepha

17	Usapho lwasekhaya .....	34
18	Usapho lwasekhaya .....	36
19	Siyakhathalelana .....	37
20	Ukubonisa inkathalo.....	38
21	Ukhuseleko ekhaya nakwindawo elingqongileyo .....	40
22	Ukhuseleko ngaphakathi nangaphandle ekhaya (2) .....	42
23	Ukhuseleko xa ndindodwa ekhaya .....	44
24	Enye into onokuyikhumbula .....	46
25	Umzimba wam.....	48
26	Izivo zam.....	50
27	Ukushukumisa umzimba .....	52
28	Cinga ngokhuseleko.....	54
29	Ukuzigcina ukhuselekile .....	56
30	Ndizigcina ndisempilweni .....	58
31	Ndizigcina ndisempilweni .....	60
32	Siyaqondisia .....	62



UNksz Angie Motshekga  
uMphathiswa weMfundu  
esisiSeko



UGqir Reginah Mhaule  
uSekela Mphathiswa  
weMfundu esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelw abantwana boMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundu esisiSeko uNksz Angie Motshekga kanye noSekela Mphathiswa weMfundu uGqir Reginah Mhaule.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundu esisiSeko ajolise ekuphuculen umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukavelisa ezi ncwadi, zifumanek ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundu yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyzanza, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundu.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.

Published by the Department of Basic Education  
22 Struben Street  
Pretoria  
South Africa

© Department of Basic Education  
Fifteenth edition 2025

ISBN 978-1-4315-0232-5

This book may not be sold.

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.



# Ibanga loku-

1



Izakhono zoBomi  
**NGESIXHOSA**  
Incwadi yoku-l



Le ncwadi yeka:





1

Ikota yoku-! - Iweki yoku-! - Iphephä lomsebenzi loku-



Masenze

# Malunga nam

Ncamathelisa ifoto yakho  
okanye zizobe apha.



Igama lam ndingu

Ifani yam ngu

Ndineminyaka e \_\_\_\_\_  
ubudala.

Siba \_\_\_\_\_ ekhaya.

Inombolo yefowuni  
yasekhaya ngu:

Idilesi yasekhaya:

---

---

---



Ndiyalwazi usuku lwam lokuzalwa.

ewe	andiqinisekanga	hayi
-----	-----------------	------

2

Umhla: .....



Masizobe



UJoe uyincutshe kwibhola ekhatywayo.

Zoba into oyincutshe kuyo.



Xeleta abahlobo bakho ukuba uyincutshe kweyiphi into.

Emva koko fakela umbala kwinkwenkwezi ekwibhokisi  
echanekileyo ubonise into okwaziyo ukuyenza.

Masithethethe



Ndiyakwazi ukufunda.



Ndiyakwazi ukuzinxibisa.



Ndiyakwazi ukubhala  
igama lam.



Ndiyakwazi ukudanisa.



Ndiyakwazi ukwenza iti.



Ndiyakwazi ukuxukuxa  
amazinyo am.





2

# Imibala nokudanisa

Ikota yoku-! – Iweki yoku-! – Iphepha lomsebenzi lesi-



Masenze

Uyayazi le mibala?  
Xeleta umhlobo wakho amagama  
ale mibala.



Fakela umbala ochanekileyo kumfanekiso ngamnye.

Ibhanana emthubi	Iapile elibomvu	Ijezi ezuba
Iambrela emibalabala	Iorenji eliorenenji	Iggabi eliluhlaza



Masishukume

Phambi kokuba nenze umsebenzi phandle, zolulen okwekat. Oku  
kuza kwenza ukuba imizimba yenu ishukume lula. Kufuneka nizolule  
kwakhona emva komsebenzi ukuze nizipholise nomzimba  
ukhululeke. Oku kuya kunceda umzimba wakho ungabi  
namikhinkqi. Linganisa aba bantwana ke ngoku.



Cula ingoma ethi "Intloko namagxa" ngeli xa:

- wenza ngathi udlala igubu.
- wenza ngathi udlala ikatari.




Umha: .....



Masonwabe

Qhwaba izandla kwezi patheni.



# Qhwaba Qhwaba Qhwaba Qhwaba



Qhwaba

Qhwaba

Qhwaba



# Qhwaba Qhwaba Qhwaba Qhwaba

Qhwaba

Qhwaba

Qhwaba




Masenze

Uyakwazi ukwenza ezi zinto? Bonisa abahlolo bakho.

Ndiyakwazi ukubaleka ndiye kumacala ahlukeneyo ndingakhange ndigile mntu.			
--	--	--	--

Ndiyakwazi ukutsiba ugqaphu.			
------------------------------	--	--	--

Ndiyakwazi ukuqengqela umhlobo wam ibhola enkulu.			
--	--	--	--



# Sonke sibalulekile

Ikota yoku-1 – I veiki yesi-2 – I phepha lomsebenzi lesi-



Jonga umfanekiso uze uxelele  
umhlobo wakho malunga nomahluko  
ophakathi kwaba bantwana.



## Enkulu nencinci

Abanye bethu bakhulu, abanye bethu bancinci.

Abanye bethu bade, abanye bafutshane.

Abanye bethu bayakwazi ukutsiba abanye bayakwazi  
ukucula.

Sonke kukho into esikwazi ukuyenza kakuhle.

Yintoni okwazi ukuyenza kakuhle?



Xeleta abahlobo bakho wakho ukuba waziva njani ngosuku  
lwakho lokuqala esikolweni.

wawonwabile	wawulusizi	wawuchwayitile	wawunomsindo	wawuneentloni



Zoba umfanekiso ubonise **indlela onokuziva ngayo** xa umntu ekupha into  
yokudlala entsha. Bhala indlela oziva ngayo kwisithuba esingezantsi.

Umhla: .....



Masithethe

Xeleta umhlobo wakho okwenzeka kumfanekiso ngamnye.

Chaza ukuba ubunokuziva njani ukuba ezi zinto bezinokwenzeka kuwe?

Phawula ubuso obuchanekileyo.



Intombazana endala  
ithatha izinto zakho.

wonwabile	uchwayitile	ulusizi

Wena nomhlobo wakho  
nidlala kunye.

unomsindo	wonwabile	uyoyika



Uvula isipho.

uyoyika	uchwayitile	uneentloni

Umnakwenu okanye  
udade wenu waphula  
into yakho yokudlala  
oyithandayo.

uneentloni	uyavuya	unomsindo



Masenze

Gximfiza umnwe wakho kwibhokisi yokuqala, yitscho kumhlobo wakho  
agximfize owakhe umnwe kwenye ibhokisi.

Ubusazi ukuba akukho namnye ehlabathini  
onомнwe ofana nowakho? Ubaluleke  
kangangokuba mnye kuphela **uwena**  
ehlabathini. Namawele akanaminwe ifanayo.

--	--

Uyabona ukuba imigximfizo  
yeminwe yahlukile?



# Sonke sahlukile



Masithethé

Jonga aba bantwana.  
Bafana njani?  
Bahluke njani?



Masenze

Jonga umfanekiso uze ucinge ngokuba ezi ngxelo **ziyinyani** na okanye **aziyonyani**.  
**Izivakalisi eziyinyani zifake umbala oluahlaza.**  
**Izivakalisi ezingeyonyani zifake umbala obomvu.**



Bonke baneengalo ezi-2  
nemilenze emi-2.



Bonke  
ngamantombazana.

Bonke banxibe izihlangu.



Bonke banxibe iibhulukhwe.

Bonke ngabantwana.



Bonke baneenwele ezinde.

Umhla: .....



Masizobe

Zizobe kwisikhewu sokuqala. Zoba umhlobo wakho  
osenyongweni. Wakugqiba jonga imifanekiso uze uchaze ukuba  
wahluke njani kumhlobo wakho.





Mna	Umhlobo wam



Masenze

Jonga umfanekiso uchaze ukuba wena nomhlobo wakho  
nifana njani kwaye nahluke njani. Faka imibala kweli  
tyathanga lobuhlobo ubonise ukuba umntu ngamnye  
wahlukile. Wakugqiba ungalisika eli tyathanga  
kwicandelo lemisiko elikule ncwadi uze ulihombise.



Titshalo:  
Sayina:  
Umhla:

q



5

# Masicengceleze

Ikota yoku - I - Iweki yesi - 3 - Iphepha lomsebenzi lesi -

Masenze

Phambi kokuba wenze isicengcelezo, yenza le mithambo.

Bizela umphefumlo kakhulu uze uwukhuphe kancinci. Yenza

ngathi uvuthela amakhandlela ekeyiki yosuku lokuzalwa kwakho.

Yenza ngathi uyagodola, uze uthi "Brrrrrrrrrrrr"



## Inkawana ezintlanu

Inkawu ezintlanu zakhwel' ebhedini,

Yawa enye yathi ngqu ngentloko,

Mama biz' ugqirha, wathi ugqirha

"Hay' hay' hayi, iinkawu azikhwel' ebhedini!"



Inkawu ezine zakhwel' ebhedini,

Yawa enye yathi ngqu ngentloko,

Mama biz' ugqirha, wathi ugqirha,

"Hay' hay' hayi, iinkawu azikhwel' ebhedini!"



Inkawu ezintathu zakhwel' ebhedini,

Yawa enye yathi ngqu ngentloko,

Mama biz' ugqirha, wathi ugqirha,

"Hay' hay' hayi, iinkawu azikhwel' ebhedini!"



Inkawu ezimbini zakhwel' ebhedini,

Yawa enye yathi ngqu ngentloko,

Mama biz' ugqirha, wathi ugqirha

"Hay' hay' hayi, iinkawu azikhwel' ebhedini!"



Inkawu enye yakhwel' ebhedini,

Yaw' ebhedini yathi ngqu ngentloko,

Mama biz' ugqirha, wathi ugqirha,

"Hay' hay' hayi, iinkawu azikhwel' ebhedini!"

Umhla: .....



Masizobe

Zoba ubuso bakho.  
Bonisa amehlo, iindlebe, impumlo, umlomo kunye neenwele.  
Xeleta umhlobo wakho indlela okhangeleka ngayo.





Masishukume

Yenza ibala lemiqobo  
elifana neli ngaphandle  
eklasini yakho uncediswa  
ngutishala.

Tsiba usuke esitulweni  
uye kwesinye.

Khasa phantsi kweetafile.





6

# Ndiyazingca ngesikolo sam

Ikota yoku - I - Iweki yesi - 4 - Iphephä lomsebenzi lesi -



Masenze

Zizobe unxibe iyunifomu  
yesikolo. Bhala iimpendulo  
ezishiyiweyo.

Ndifunda kwisikolo

i \_\_\_\_\_.

Igama likatitshala wam

ngu \_\_\_\_\_.




Inqununu yesikolo

ngu \_\_\_\_\_.



Masibhale

Jonga le mifanekiso.  
Sika ke ngoku igama  
elichanekileyo  
lomfanekiso ngamnye  
uze ulincamatheleise  
ecaleni komfanekiso.



igumbi  
langasese

ibala lokudlala

iklasi

iofisi


unobhala





Masibhale

Ngoobani abantu abohlukeneyo abakhoyo esikolweni? Jonga emfanekisweni uze uthethe malunga nokuba bangoobani na nokuba benza ntoni na. Wakuggiba sika igama elichanekileyo elisezantsi ephepheni uze ulincamatelise ecaleni komfanekiso ngamnye. Chazela umhlobo wakho indlela eya kwiofisi yenqununu, kwigumbi langasese nakwibala lemidlalo.



Masonwabe

Isingxobo seepenisile zika John siwile. Bala ukuba uneekhrayoni ezingaphi, uze ubhale elo nani ebhokisini. Kwpiphepha elilodwa, zoba umfanekiso usebenzise imibala eqaqambileyo, ubonise indlela enidlala ngayo nomhlabo wakho. Yenza isakhelo esijikeleze umfanekiso.



abantwana

umcoci

utitshala

inquununu



7

# lindawo ezahlukeneyo

Ikota yoku-1 - Iweki yesi-4 - Iphepha lomsebenzi lesi-



Masenze

Bonisa umhlobo wakho ukuba uyakwazi:

Ukuzimela phantsi kwento.



Ndizimele phantsi kwetafile.



Ukuma ecaleni kwento.

Ukuzimela emva kwento.

Ukuma phezu kwento.



Masishukume

Sebenzisa ibhola okanye ingxowa yeembotyi. Yiphose phezulu uyigange. Beka ingxowa yeembotyi entloko uyingcekelele uhambe kancinci. Ngcekelela ingxowa yeembotyi uhambe phezu kwepali okanye emgceni ophantsi.

Ndiyakwazi ukuphosa.



Ndiyakwazi ukuganga.



Ndiyakwazi ukungcekelela ingxowa yeembotyi entloko.



Umhla: .....



Masishukume

Ngqisha ngeenyawo usebenzisa ezi patheni.

Ekhohlo



Ekunene



Ekhohlo



Ekunene



Ekhohlo

Ekhohlo



Ekunene

Ekhohlo



Ekhohlo



Ekunene



Ekhohlo



Ekunene

Ekhohlo



Ekunene

Ekhohlo



Ekunene

Ekhohlo



Ekunene

Titshalo:

Sayina:

Umhla:



8

# Igumbi lokufundela


Ikota yoku-1 – Iweki yesi-5 – Iphepha lomsebenzi lesi-



Masithethe

Jongisia lo mfanekiso uze uthethe ngokubonayo.

Kule klasi kwenzeka izinto ezintle nezimbi. Ngowuphi umkhwa olungileyo owubonayo? Ngowuphi umkhwa ombi okanye ongalunganga owubonayo?



Umhla: .....

16




## Xeleta umhlobo wakho okwenzekē kumfanekiso ngamnye.



Masithethe

Yenza uphawu ✓ ecaleni kwayo yonke imikhwa elungileyo no-✗  
ecaleni kwaleyo ingalunganga esenokwenzeka esikolweni.





9

# Indlela esiya ngayo esikolweni

Ikota yoku-1 – Iweki yesi-5 – Iphepha lomsebenzi le-



Masithethethe

Uya njani esikolweni ngosuku ngalunye? Ingaba ukhuselekile? Zikhona iindlela ezingakhuselekanga ozaziyo? Ncokola nomhlolo wakho malunga nendlela abaya ngayo esikolweni aba bantwana. Phawula ezo zikhuselekileyo nge ✓ ezingakhuselekanga ngo ✗.



Uya njani esikolweni kusasa?



Masenzenze

Buza abahlolo bakho aba-5 ukuba  
baya njani esikolweni ngosuku ngalunye.  
Phawula kule tshathi.

ngeenyawo



ngebhasi



ngemoto



Amagama abahlolo



1 2 3 4 5

Ewe Hayi



Masishukume

Ndiyakwazi ukubaleka goso-goso.

Ndiyakwazi ukutshintsha indlela xa ndibaleka xa  
ndiyalelwana ngutitshala ukuba ndenze njalo.

Umhla: .....



Masenze

Zoba umfanekiso obonisa ukuba uya njani esikolweni.



Masishukume

Mamela umculo oza kuwudlalelw ngutitshala.

Shukumisa umzimba uhambelane nesingqi somculo.

Goba amadolo uze wolule imilenze.

Goba amagxa uwahlise uwanyusa.

Jikelezisa izihlahla ziye ekhohlo nasekunene.



Masishukume

Wena nomhlobo wakho phosani ibhola niyigange. Sebenzisa ingalo yakho ebuthathaka xa uphosibhola.



Ingaba ndikwazile na ukuphosa ibhola ngengalo  
yam ebuthathaka?



Masishukume

Dlalani ukuba yikiriva neqabane  
lakho ofunda nalo.



# Ndizigcina ndicocekile

Masithethe

Kubalulekile ukufunda imikhwa elungileyo usemncinci. Nazi ezinye izinto ekufuneka uzenze ukuze uzigcine ucocekile kwaye usempilweni. Thetha ngomfanekiso ngamnye.

Ikota yoku-1 – Iweki yesi-6 – Iphepha lomsebenzi le-




Ndixukuxé.



Ndihlambe izandla emva kokusebenzisa indlu yangasese.



Ndihlambe rhoqo.



Ndicoce iinzipho.



Ndosule emva kokusebenzisa indlu yangasese.



Ndihlambe iziqhamo phambi kokuzitya.



Ndisebenzise itshefu xa ndithimla okanye ndifinya.

**Kufuneka**



Zeziphi kwezi zinto ezifunekayo ukuze uzigcine ucocekile? Fakela umbala kwiinkwenkwezi ubonise izinto ozisebenzisayo ukuze uzigcine ucocekile. Xela ukuba uyisebenzisa njani into nganye ukuze uzigcine ucocekile.



Phawula nge ✓ ubonise ukuba uyakwazi ukwenza ezi zinto: **ewe** **hayi**

Ndiyakwazi ukukhwela ileli ekwibala lokudlala.

Ndiyakwazi ukusebenzisa iindawo zokubambelala ukuze ndiye phambili.

Ndiyakwazi ukukhasa kwibala lokudlala.



# Imikhwa elungileyo

Ikota yoku-l – Iweki yesi-6 – Iphepha lomsebenzi le-

Masifunde

Imikhwa elungileyo yokusebenzisa  
indlu yangasese.

**Khumbula**



Ukuba uyingcolisile indlu yangasese,  
khumbula ukuba uyicoce.



Khumbula ukugungxula  
wakugqiba.

Umhla: .....



Luvale ucango ngalo lonke ixesha  
usendlwini yangasese.



Musa ukusebenzisa iphepha elininzi.



Hlamba izandla zakho rhoqo emva  
kokusebenzisa indlu yangasese.



Masibhale

Biyela ngesangqa amagama achanekileyo asixeleta ukuba kufuneka  
sizenze kangaphi ezi zinto zilandelayo.

### Ukuhlamba iinwele zakho.



yonke imihla

kusasa nasebusuku

kabini ngeveki

kanye ngeveki

### Ukuxukuxa.



yonke imihla

kusasa nasebusuku

kabini ngeveki

kanye ngeveki

### Ukuhlamba umzimba wakho.



yonke imihla

kusasa nasebusuku

kabini ngeveki

kanye ngeveki

### Ukuhlamba ubuso bakho.



yonke imihla

kusasa nasebusuku

kabini ngeveki

kanye ngeveki



# Ndicocekile

Ikota yoku-l - Iveki yesi-6 - Iphepha lomsebenzi le-

Mashukume

Dlala umdlalo othi "uSimon uthi" kanye notitshala wakho. Funa indawo yakho uhambe ungakhange ugile mntu.  
uSimon uthi "**bamba intloko yakho.**"



Masibonise

Bonisa umhlobo wakho indlela ...

*Yokuhlamba izandla zakho.*



Ozikama ngayo iinwele.



Owosula ngayo izandla zakho.



Oxukuxa ngayo.

Ohlamba ngayo ubuso.





Masishukume

Linganisa esi singqi.

**Ndiyakwazi ukuqhwaba izandla**


**ndize ndingqishe ngeenyawo**

**Ndiyakwazi ukunqwala  
intloko yam**

**ndize ndijiwuzise iingalo**

**Ndiyakwazi ukushukumisa  
iinzwane zam**

**kwaye ndibambe  
impumlo yam.**



# Imikhwa enempilo


Ikota yoku-! – Iweki yesi-7 – Iphepha lomsebenzi le-



Masifunde

Sifuna ntoni ukuze sihlale siphilile!

**Ukutya  
okunempilo**



**Imithambo  
eyaneleyo**

**Ukuzigcina  
sicocekile**



**Ukuba  
semoyeni  
omtsha**



**Ukulala okwaneleyo  
nokungabukeli  
kakhulu umabonakude!**



Umhla: .....



Phawula nge ✓ imikhwa enempilo nango ✗ engenampilo.



Titshala:
Sayina:
Umhla:

# Ukucoceka

Ikota yoku-! – Iweki yesi-7 – Iphepha lomsebenzi le-



Masenze

Bonisa indlela ozisebenzisa  
ngayo ezi zinto.



ibrashi yamazinyo

isepha



amafutha ezandla

ikama



ibrashi yeenzipho



intlama yamazinyo



ishampu



ibrashi



iklipa yeenzipho





### Masishukume

Bambanani ngezandla nenze isangqa esikhulu.

Phoselanani ngebhola esangqeni.

Yongeza enye ibhola niyiphose nayo.

Yongeza enye ibhola kwakhona niphoselane ngeebhola ezintathu.



### Masithetho

Yintoni engacocekanga kweli gumbi?

Kufuneka wenze ntoni ukucoca igumbi?

Benza ntoni abantwana? Kufuneka benze ntoni?



Titshalo:
Sayina:
Umhla:



15

# Imozulu endiyithandayo


Ikota yoku-l - I'veki yesi-8 - Iphepha lomsebenzi le-

Masithethé


Jonga iintlobo ezahlukeneyo zemozulu uze uchazele umhlobo wakho ukuba yeyiphi eyona mozulu uyithandayo.



enomoya



enelanga



enamafu nebandayo



enemvula



Kwezinye iindawo kwilizwe lethu kubanda kakhulu kude kuwe ikhephu.

Maxa wambi kubakho umoya omkhulu.

Umoya onamandla kakhulu kuthiwa yinkanyamba.



Masenze

Zizobe usemvuleni okanye ekhephini.

Zizobe kwiphepha elikhulu ngeekhrayoni zamafutha.

Xuba into yokujika umbala wokutya ezuba namanzi uze ulipeyinte lonke iphepha.


Chithela ipeyinti emhlophe phezu komfanekiso.

Umhla: .....




Masifunde

Sisebenzisa itshathi yemozulu ukubonisa ukuba injani na imozulu. Sisebenzisa iimpawu ezithile xa sibonisa iindidi ezahlukeneyo zemozulu. Nazi ezinye zezo mpawu.



enelanga



enemvula



enamafu




enamafu kwiindawo  
ezithile

enekhephu



enomoya



Masithetho

Xelela umhlobo wakho ukuba unxiba iimpahla  
ezinjani kuhlobo ngalunye lwemozulu.



Masenze

Zoba iimpawu zemozulu uzenzele eyakho itshathi yemozulu yeveki.

Mvulo

Lwesibini

Lwesithathu

Lwesine

Lwesihlanu



Masibhale

Ibinjani imozulu kule veki?

Fakela amagama angekhoyo.

Namhlanje ku \_\_\_\_\_.

Izolo beku \_\_\_\_\_.

Ndiyathemba ngomso kuza \_\_\_\_\_.



Titshalo:

Sayina:

Umhla:

Ikota yoku-1 – Iveki yesi-8 – Iphepha lomsebenzi le-

16

# Imozulu

Masenze

Linganisa iimeko zemozulu ezahlukeneyo.



Vula iingalo zakho phezu kwentloko wenze ngathi ulilifu elikhulu.



Uneambrela yokukhusela elangeni.



Wangawangisa okomthi uvuthuzwa ngumoya.



Bamba iambrela yakho uyiqinise ukuze ingemki nomoya ovuthuzayo.



Umhla: .....

Yenza ingxolo  
yamachaphaza emvula  
esiwa phezu kwendlu.






Masishukume

Bambanani ngezandla nenze isangqa esikhulu.

Phoselanani ngeebhola nizigange.




Cinga ngeendlela ezahlukileyo  
zokuhamba phezu kwepali okanye  
ecingweni. Khawubone ukuba  
ungahamba ngendlela eyahlukileyo  
na kunaleyo yabanye abantwana.



Masonwabe

Dlalani unochelesi.

Zoba iibloko kanye  
nezangqa emhlaben.



Masishukume

- Bonisa umhlobo wakho indlela otsiba ngayo ugqaphu.
- Utitshala wakho uza kukubonisa indlela ekudlalwa ngayo imidlalo yemveli.



# Usapho Iwasekhaya

**Masithethe**

Ubusazi na ukuba iintsapho zahlukile?

Ezinye iintsapho zinkulu ezinye zincinci. Ezinye zinoomama nootata ezinye azinabo. Ezinye iintsapho zihlala noomakhulu nootatomkhulu, oomalume, oomalumekazi kune nabazala.



Jonga le mifanekiso uze uchazele umhlobo wakho indlela ezahluke ngayo ezi ntsapho. Sebenzisa amagama asebhokisini.

umama

utata

udade

utatomkhulu

umnakwethu

usana

umakhulu

usapho

Ikota yesi-2 – Iveki yoku-I – Iphepha lomsebenzi le-



Umhla: .....



Masibhale

Uhlala nabani kokwenu?



Uhlala nabani kokwenu?

Ekhaya kukho abantu aba \_\_\_\_\_.

Ngubani oyena mncinci kokwenu? \_\_\_\_\_.

Ngubani oyena mdala kokwenu? \_\_\_\_\_.



Masithetho

Sonke sinemisebenzi esiyenzayo emakhaya. Jonga le mifanekiso uze uxele ukuba ngubani owenza le misebenzi kokwenu.



Bhala isivakalisi sibe sinye ngomsebenzi owenze izolo.



# Usapho Iwasekhaya

Masonwabe

Zoba umfanekiso wento eniyenza kunye nilusapho. Xela ukuba ngubani na lowo. Sebenzisa la magama akuncede.

umama

utata

udade wethu

utatomkhulu

umnakwethu

usana

umakhulu

usapho



Ikota yesi-2 – Iyeki yoku-I – Iphepha lomsebenzi le-

Umhla: .....



# Siyakhathalelana

19



Masifunde

abantu bekhaya elinye bafanele ukuthandana bakhathalelana.

Ukuthandana sikubonisa ngokwangana, ngokuncedana nangokuhlonelana. Kufuneka ...

- sincedane.
- sihloniphane (abantu abancinci nabadala).
- senze imisebenzi yethu ngexesha.
- sithembeke.




Masithetho

Jonga le mifanekiso uze uxele ukuba aba bantwana bababonisa njani abantu bakwamawabo ukuba babakhathalele. Yenza umdlalo ubonise ukuba kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye.



Masenze

Zoba umfanekiso obonisa ukuba ulukhathalele usapho lwakho. Chazela umhlobo wakho into oyizobileyo.



Titshala:

Sayina:

Umhla:

37

Ikota yesi-2 – Iveki yesi-2 – Iphepha lomsebenzi lama –



Masithetho

Ncokola ngendlela oluncedana ngayo olu sapho. Nombola imifanekiso uqale ku-l uye ku-4 ubonise ukulandelelana kwayo.



Masifunde

Imisebenzi yethu yangokuhlwa.

Umama upheka ukutya.

Utata uhlamba izitya.

Mna nomnakwethu sincedisa umama notata.

Sincedisa kakhulu.

Siqoqosha ubisi nesonka.

Emva koko silungela ukuya kulala.

Umama usibalisela ibali lokulala!





Masenze

Yenzela umntu okukhathalelayo ikhadi. Zoba umfanekiso uze ubhale igama laloo mntu.



Masenze

Ungakwenza oku?

	uyakwazi ukuphosa ibhola ngokuyigqampisela kwiqabane lakho.	ewe	hayi
	uyakwazi ukuphosela iqabane lakho ngesandla.	ewe	hayi
	uyakwazi ukugqampisa ibhola ngamadolo.	ewe	hayi
	uyakwazi ukubetha ibhola iye ngakwibhakana.	ewe	hayi
	ungayikhaba ibhola ubaleka phakathi kwezinto ezibekiweyo.	ewe	hayi
	ungayikhabela kwibhakana ibhola iyibethe.	ewe	hayi



Titshala:

Sayina:

Umhla:




# Ukhuseleko ngaphakathi nangaphandle ekhaya (1)

Kufuneka sizive sikhuselekile ngalo lonke ixesha sisekhaya. Kodwa kukho iingozi ezinini emakhayeni nakwiindawo eziwangqongileyo. Jonga imifanekiso, uze uncokole nomhlobo wakho ngezinye zeengozi.

## Ekhitshini

- Jika imiphambo yeembiza iijonge ngemva esitovini.
- Musa ukushiya iimela ezibukhali zithe saa.
- Tshixela ipalafini namayeza kwindawo ekhuselekileyo.
- Musa ukushiya izinto zokudlala zithe saa.



## Kwigumbi lokuhlambela

- Musa ukusebenzisa izinto zombane ecaleni kwamanzi.
- Musa ukuzishiya kufutshane namanzi.
- Izikere nezinye izinto ezibukhali zifake ekhabbhathini.
- Sukusebenzisa ibrashi yakho yamazinyo kunye nomnye umntu.

Umhla: .....




### Isichotho nombane

- Ungaze ume phantsi komthi xa kukho isichotho.
- Ungaze ufake nto kwimingxuma yombane eseludongeni. Cela umntu omdala akuncede.

### Ngaphandle kwekhaya

- Izinto ezinobungozi ezifana neengceba zebhotile zilahle emgqomeni.
- Musa ukndlala kufutshane nedama lamanzi ngaphandle kokuba kukho umntu omdala okufutshane nawe.



### Ngaphakathi ekhaya

- Musa ukushiya izinto zokndlala kunye nezinye izinto zithe saa.
- Musa ukndlala ngeparafini okanye ngezinto zokucoca ezinetyhefu.
- Ukuba uqaphele ukuba intambo yeayini okanye yeketile ityekile, cela umama okanye utata wakho ayilungise.




# Ukhuseleko ngaphakathi nangaphandle ekhaya (2)



Masithethe

Ukuzigcina ukhuselekile.

Jonga imifanekiso uze uxele ukuba yeyiphi ebonisa iimeko ezikhuselekileyo iyeyiphi engazibonisiyo. Phawula nge ✓ ezo zibonisa imeko ekhuselekileyo uze uphawule ngo ✗ ezo zibonisa imeko engakhuselekanga. Chaza ukuba kutheni ucinga ukuba bakhuselekile okanye abakhuselekanga.



Umhla: .....



Masithethé

Zikhona izinto eziyingozi kokwenu? Ungaenze ntoni ngaloo nto? Iityhefu, amayeza nezinto zokucoca ziyingozi kakhulu. Ungaenze usele nantoni xa ungaqinisekanga ukubu yintoni na.



Olu phawu luthetha ukuba kukho into enetyhefu phakathi ebhotileni, ebhokisini okanye etotini. Wakhe walubona olu phawu ngaphambili?



Masishukume

Utitshala wakho uza kukudlalela umculo.



- Shukuma ngokwesingqi somculo.
- Khetha inkokheli. Le nkokheli kufuneka ishukume ngokwesingqi somculo. Abanye mabalinganise le nto yenziwa yinkokheli.
- Yima ngomlenze omnye.
- Yima ngomnye umlenze.
- Ngowuphi umlenze owomeleleyo.
- Beka intambo ende emgangathweni okanye ukrwele umgca. Hamba phezu kwale ntambo okanye emgceni ungaphumi endleleni.
- Tshintsha ke ngoku ukumila kwentambo okanye umgca uze uhambe ecaleni kwawo ungaphumi endleleni.



# Ukhuseleko xa ndindedwa ekhaya

Ikota yesi-2 – Iveki yesi-4 – Iphethe lomsebenzi lama-



Masithethe

Ufundu ngezinto ezinokwenzakalisa  
ekhaya nakwindawo ekufuphi.  
Ungazigcina njani ukhuselekile  
xa uwedwa ekhaya?



Xa uwedwa ekhaya  
ungenza ezi zinto ukuze  
uhlale ukhuselekile.



Musa ukuvulela  
abantu ongabaziyo.

Tshixa zonke iingcango  
eziphumela ngaphandle.



Umhla: .....



- Qinisekisa ukuba uyzazizi iinombolo zefowuni zabazali bakho kanye nabantu abahlala kufuphi nani.
- Bhala iinombolo ezibalulekileyo ulungiselele umhla ngengxaki.



Masibhale

Zenzele olwakho uluhlu lweenombolo ezibalulekileyo.

The laptop screen displays four cards, each featuring a vehicle illustration and its name in Xhosa:

- Amapolisa:** A blue and white police car with a black siren on top. The word "Amapolisa:" is written in blue text below the image.
- I-ambulensi:** An ambulance with red, yellow, and white stripes. The word "I-ambulensi:" is written in green text below the image.
- Isicima-mlilo:** A red fire truck with a ladder. The word "Isicima-mlilo:" is written in red text below the image.
- Inombolo yeselula kamama:** A white van with a blue stripe. The word "Inombolo yeselula kamama:" is written in blue text below the image.
- Inombolo yeselula katata:** A white van with a blue stripe. The word "Inombolo yeselula katata:" is written in blue text below the image.

Ngubani omnye umntu onokumfowunela xa ufunu uncedo?



Titshala:

Sayina:

Umhla:

# Enye into onokuyikhumbula

Ikota yesi-2 – Iveki yesi-4 – Iphetha lomsebenzi lama




Masithethe


Nantsi indlela elula yokukhumbula inombolo yefowuni yamapolisa.  
Jonga umfanekiso uze uxelele umhlobo wakho ukuba ikunceda njani  
imifanekiso ekukhumbulenii inombolo. 10111 yinombolo yamapolisa.  
Yibize amatyeli ambalwa de uyazi ngentloko.



1



0



111



Masishukume

Bonisa ukuba ubuya kuthini ukuba ubungumntwana okule mifanekiso.



Ubuya kwenza ntoni  
ukuba ubuleqwa ngumntu  
ongamaziyo?

46

Umhla: .....



Ubungathini ukuba  
ubuncedisa umama wakho  
ukwenza ikeyiki?




Ubuya kuthini ukuba  
ubumi phezu kweglasi  
eyaphukileyo?



Masenze

Zama ukuzakhela  
eyakho indlu.

- Funa iibhokisi zekhadibhodi ezindala uze uzakhele iindonga kanye nophahla.
- Dibanisa iibhokisi ngesincamathelesi. Wakube uyiggibile indlu yakho, yipeyinte.
- Ukuba akuyifumanu ikhadibhodi, sebenzisa enye into kodwa ungasebenzisi iglasi okanye itoti okanye nantoni na enokukwenzakalisa.




Masishukume

Phosa ibhola emoyeni  
uze uyibambe ngesandla  
sakho esibuthathaka.

Ncedisa utitshala wakho  
nikhupheli ngaphandle kweklasi  
izitulo, iitafile kanye neebhokisi.

Khwela ezitulweni, ezitafileni  
nasezibhokisini, khasa  
ngaphantsi kwazo uphinde  
utsibe phezu kwazo.

Khawuzame ukuma ngonyawo  
olunye esitulweni.



# Umzimba wam

Ikota yesi-2 – Iweki yesi-5 – Iphepha lomsebenzi lama-



Masibhale

Bhala amagama kwizikhewu ezichanekileyo.

umlenze


isandla

intloko

isisu

unyawo

ingalo




Umhla: .....



### Masizobe

Gqibezela obu buso.

Zoba iinwele. Khuphela obakho ubuso.  
Ukuba unamehlo abrawuni, zoba  
amehlo abrawuni. Ukuba uneenwele  
ezimnyama zoba iinwele ezimnyama.  
Zoba amashiya, impumlo nomlomo.



Ubuso ilungu elibalulekileyo lomzimba wakho.

Sonke sinamehlo ama-2.



Sonke sineendlebe ezi-2.



Sonke sinempumlo e-l.



Sonke sinomlomo.



### Masicule

Culani ingoma. Bamba ilungu lomzimba wakho njengokuba  
nicula igama lalo.



## Intloko namagxa

**Intloko namagxa, amadolo neenzwane,  
amadolo neenzwane**

**Intloko namagxa, amadolo neenzwane**

**Intloko namagxa, amadolo neenzwane, amadolo  
neenzwane, amadolo neenzwane.**




### Mashukume

Dlalani umdlalo othi 'USimon uthi...'



Masithetho

Jonga izivo ezahlukeneyo uze uxele ukuba sizisebenzisela ntoni.



Masifunde

Sisebenzisa izivo zethu yonke imihla.

Ukutya siyakunukisa sikungcamle.

Siyakwazi ukuva ukuba luthambe kangakanani usiba. Siyasibona isibhakabhaka esizuba ehlotyeni.

Siphulaphula umculo.

Izivo zethu zisigcina sikhuselekile. Siyeva xa kukho umlilo. Siyeva ukuba isitovu sishushu kakhulu. Siyabona xa kungakhuselekanga ukunqumla indlela. Siyasiva isandi sentsimbi.





Masenze

Ukukhathalela amehlo kanye  
neendlebe zethu.

Kufuneka sizikhathalele izivo zethu.

Nazi iindlela ezimbini zokukhathalela  
amehlo kanye neendlebe.



Khathalela iindlebe  
zakho ngokungamameli  
umculo ongxolayo.

Khathalela amehlo akho  
ngokunxiba ikepusi okanye  
iigiasi zelanga.  
Musa ukujonga elangeni.



Masibhale

Jonga itheyibhile engezantsi uze uphawule kumgca ngamnye isivo okanye  
izivo ozisebenzisayo. Ungaphawula nokuba zingaphi.

	ukunukisa	ukungcamla	ukubona	ukuva	ukuphatha




# Ukushukumisa umzimba



Jonga imifanekiso. Kumfanekiso ngamnye xela ilungu lomzimba nokuba likunceda entweni.

Imizimba yethu siyisebenzisela ukushukuma.



Phendula le mibuzo kunye nomhlobo wakho. Emva koko bhala iimpendulo encwadini yakho phantsi kwemibuzo.

Ngawaphi amalungu omzimba owasebenzisa xa uhamba?



Ngawaphi amalungu omzimba owasebenzisayo xa uchola into?



Utitshala wakho uza kukubonisa ukuba idlalwa njani 'impuku nekati'.




Umhla: .....




Masifunde

Kukho amalungu omzimba ongakwaziyo ukuwabona.  
Onke ayasebenzisana ukukugcina uphilile.

## Amathambo akho



## Amalungu omzimba akunceda ukuba uphefumle




# Cinga ngokhuseleko

Ikota yesi-2 – Iweki yesi-6 – Iphepha lomsebenzi lama-



Masithethe


Jonga imifanekiso engezantsi uze uncokole nomhlobo wakho ngenikubonayo.  
Kumfanekiso ngamnye yitsho ukuba unghahlala njani ukhuselekile.



Ubona umhlobo wakho ngapha kwendlela.



Ulinde wedwa esitophini sebhasi.



Ucelwa ngumntu ongamaziyo ukuba  
uhambe naye.




Ulahleka ezivenkileni.

Umhla: .....



Sineemvakalelo zika "ewe" xa umntu esanga ngendlela elungileyo. Kuba mnandi xa usangiwa ngobubele nangendalela enenkathalo ngumntu omthandayo.



# Ukuzigcina ukhuselekile

Ikota yesi-2 – Iweki yesi-7 – Iphhepha lomsebenzi lama-

Masibhale

Jonga imifanekiso engezantsi uze ubhale EWE kwimvakalelo ka "ewe"  
kunye noHayi kwimvakalelo ka "hayi" kwezi bloko.

Ndiyakuthanda

Yeka ukungxola! Umdala  
gqitha ukuba ungenza loo nto.

Ukhangeleka umhle.

Ungakhathazeki  
ndiyakunyumbaza  
nje.



Masenze

Ziqhelise ukuthi "hayi".

Yila umdlalo apho umntu ongamaziyo afuna ukuthaththa umntwana amfake emotweni yakhe okanye ufunu ukuphatha-phatha umntwana. Umntwana uthi "hayi".



Masithethi

Abanye abantwana bahlala emakhayeni angabakhathalelanga. Jonga imifanekiso. Ncokola ngendlela onokuziva ngayo ukuba ubungumntwana okuloo mifanekiso. Chaza ukuba ubuya kwenza ntoni.



Masishukume

Dlala umdlalo othi "yima".

Yenza nantoni na, xa utitshala evuthela impempe yima bhunxe ngaloo ndlela kuloo ndawo. Akufuneki ushukume tu de kutsho utitshala. Ungakwazi ukuxhathisa? Hamba phezu kwepali okanye phezu kwentambo ende ebekwe phantsi.



# Ndizigcina ndisempilweni

Ikota yesi-2 – Iweki yesi-7 – Iphepha lomsebenzi lama-



Masifunde



Zininzi iindlela esinokugula ngazo. Amaxesha amaninzi siguliswa ziintsholongwane. Zincinci kangangokuba asikwazi ukuzibona. Zingangena emizimbeni yethu zisigulise.



Masithethe

Benza ntoni abantwana abasemifanekisweni ukuzigcina besempilweni. Kungenzeka ntoni ukuba abanakuzenza ezi zinto?



Umhla: .....



Masithethe

Thetha ngale mifanekiso. Yenza u ✓ ukubonisa indlela onokuhlala ngayo  
usempilweni. Faka u ✗ kwimifanekiso enokubangela ukuba ugule.



# Ndizigcina ndisempilweni



Masithethe

Ubusazi ukuba kukho iindlela ezahlukeneyo zokucoca amanzi?

Ikota yesi-2 – Iveki yesi-8 – Iphepha lomsebenzi lama-

Ubusazi na ukuba amanye amanzi acoekile amanye amdaka? Ungenza njani ukuqinisekisa ukuba amanzi acoekile kwaye angaselwa?

**Ungabilisa amanzi amdaka eketileni ukuze ubulale iintsholongwane.**



**Ungawahlusa amanzi amdaka. Utitshala wakho uya kukubonisa ukuba wenza njani.**

**Ungagalela itisipuni yejikhi kwiemele yamanzi omlambo angangeelitha ezingama-20. Yivale iemele ingangenwa ziimpukane. Wayeke amanzi ahlale iiyure ezingama-28 phambi kokuba uwasele.**



Umhla: .....



Jonga imifanekiso uze  
uthethe ngezinto ezenziwa  
ngabantwana ukuze bahlale  
besempilweni.


Lahla iphepha lokosula kwindlu  
yangasese okanye emgqomeni.



Hlamba izandla  
wakugqiba ukusebenzisa  
indlu yangasese.



Ukuba ungcolisile kwindlu  
yangasese, kucoce oko kungcola  
uze uhlambe izandla emva koko.




Hlamba izandla zakho  
phambi kokuba utye.



Gquma umlomo xa ukhohlela  
okanye uthimla.



# Siyaqondisisa



Xoxa ngokufundileyo kwezi  
kota zimbini zidullileyo.



Ndiyakwazi ukuthetha ngosapho lwasekhaya.	
Ndiyakwazi ukuhamba emgceni obhityileyo.	
Ndiyayazi inombolo yefowuni yamapolisa.	
Ndiyazi malunga neemvakalelo zika "ewe" no "hayi".	
Ndiyakwazi ukuganga ibhola.	
Ndiyakwazi ukuhlala ndikhuselekile ekhaya.	
Ndiyakwazi ukuzikhathalela xa ndisele ndodwa ekhaya.	
Ndiyalunceda usapho lwam.	
Ndiyakwazi ukuzihambela esikolweni sam.	
Ndiyakwazi ukuzigcina ndisempilweni.	
Ndiyazi ukuba mandenze ntoni ngazo zonke izinto ezikwibhegi yam yesikolo.	
Ndiyazi malunga neentsapho ezahlukneneyo.	
Ndifunde lukhulu kwizifundo zeZakhono zoBomi.	

Umhla: .....



# Isichazi-magama sam

A  
a

G  
g

B  
b

H  
h

C  
c

I  
i

D  
d

J  
j

E  
e

K  
k

F  
f

L  
l



# Isichazi-magama sam

M  
m

S  
s

N  
n

T  
t

O  
o

U  
u

P  
p


V  
v


Q  
q

W  
w

R  
r

X-Z  
x-z





## Masks

Cut out on  
the outside  
black line.  
Tie a string  
into the holes  
to make a  
face mask.

